PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISICELO SOKUPHAKANYISWA KWAMAGAMA

UKUTYUNJELWA KWAMALUNGU AMABINI KWIBHUNGA LEGUNYABANTU LONXIBELELWANO LOMZANTSI AFRIKA ELIZIMELEYO (i-ICASA)

Amaziko kunye/okanye abantu ngabanye bayamenywa ngako oku ukuba batyumbe abantu abaza kuvala izikhewu ezibini ezikhoyo kwiBhunga leGunyabantu, njengoko lasekwayo ngokoMthetho weGunyabantu loNxibelelwano loMzantsi Afrika eliziMeleyo, onguNomb. 13 wowama-2000 [njengoko wathi wahlengahlengiswa nguMthetho-sihlomelo woSasazo, onguNomb. 64 wowama-2002 kunye noMthetho-sihlomelo weGunyabantu loNxibelelwano loMzantsi Afrika eliziMeleyo, onguNomb. 2 wowama-2014].

I-ICASA yenza imimiselo nemigaqo-nkqubo ukulawula usasazo kunye neziseko zonxibelelwano egameni loluntu, liqinisekisa ukungabikho kwesheyi kwanokuvakaliswa kwezimvo ezohlukeneyo, kwaye libeka esweni esi simo ze linyanzelise ukuthotyelwa kwemigaqo, imimiselo nemigaqo-nkqubo, limamela ze lithabathe izigqibo ngeembambano nezikhalazo kolu shishino, licwangcisa ze lilawule amaza omoya ze likhusele abasebenzisi bale nkonzo kwiindlela zokusebenza ezinesheyi, kwiinkonzo ezif' amanqe nakwiimveliso ezinobungozi okanye zomgangatho ophantsi.

Abantu abatyunjwayo kufuneka babe ngabantu abazinikeleyo kwinkqubo engenasheyi, kwinkululeko yokuvakalisa izimvo, ekwenzeni izinto ekuhleni nasekuthatheni uxanduva ngezenzo zabo kwaye kufuneka babe ngabantu abamele amacandelo awohlukeneyo oluntu lweRiphabhliki kwaye babe nezifundo, ubuchule kunye namava afanelekileyo kule mihlaba, phakathi kweminye, usasazo, unxibelelwano lwe-elekthroniki kunye nomgaqo-nkqubo okanye iindlela zokusebenza ezinxulumene nezeposi, uphuhliso lomgaqo-nkqubo woluntu, ubunjineli be-elekthroniki, umthetho, itheknoloji yolwazi, naluphi na uhlobo lweziqulatho ezinxulumene noku kulandelayo, ukhuselo lwabasebenzisi bale nkonzo, ufundiso lwabasebenzisi bale nkonzo, ezoqoqosho, ezezimali okanye nabuphi na obunye ubuchule okanye izifundo eziphunyelelweyo ezinxulumene noku, kwaye kufuneka babe ngabemi beloMzantsi Afrika abahlala kwiRiphabliki ngokusisigxina.

Amaxwebhu otyumbo abhaliweyo kufuneka aqulathe igama elipheleleyo nedilesi yeziko kunye/okanye umntu lowo utyumba othile, uxwebhu lotyumbo olutyikitywe ngumtyunjwa lokwamkela utyumbo kunye neNkcazo yakhe ngaMava oMsebenzi neZifundo aziPhumeleleyo, lubonelela ubuncinane ngolu lwazi lulandelayo:

- igama elipheleleyo, inombolo yeSazisi kunye nesini
- idilesi yonxibelelwano, inombolo yomnxeba neyefeksi kunye nedilesi ye-imeyile
- amava omsebenzi angaphambili (kukhankanywa amaxesha nemibutho echaphazelekayo)
- iikopi eziqinisekisiweyo zezifundo eziphunyelelweyo nezoxwebhu lwesazisi.

Amaxwebhu otyumbo kunye nemibuzo kufuneka ithunyelwe kule dilesi, uNobhala weKomiti, **Mnu Thembinkosi Ngoma**, iKomiti yeMicimbi yeSebe yezoNxibelelwano, 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye ithunyelwe nge-imeyile ku **tngoma@parliament.gov.za** okanye ngefeksi kule nombolo **0865225740**. Imibuzo yomnxeba ingenziwa kule nombolo **(021) 403 3733** okanye **0837098407.**

Usuku lokuvala lokungeniswa kwamagama abatyunjwa: NguLwesihlanu, umhla wama-30 kweyeSilimela 2017 ngentsimbi ye: 16:00.

Nceda qaphela ukuba abatyunjwa kungaqhutywa uphando lokuqinisekisa ngezifundo abaziphumeleleyo kunye nembali yabo ngokwezokhuseleko. Amaxwebhu otyumbo afike emva kwexesha awayi kuqwalaselwa. Abenzi-zicelo ababezenzile ngaphambili bayacetyiswa ukuba bangazenzi kwakhona.

Sikhutshwe nguMnu Humphrey Maxegwana, iLungu lePalamente: USihlalo - iKomiti yeMicimbi yeSebe yezoNxibelelwano.